higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELWEYO

(Iphepha lokuqala)
NQF LEVEL 4

(4101244)

7 November 2024 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ali-16.

035Q1N2407

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 4
IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 180

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMANE.

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda. (50)
   ICANDELO B: Ushwankathelo. (20)
   ICANDELO C: Okubonwayo. (50)
   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi. (80)

2. Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.

5. Iimpendulo zinombole ngendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokubonakalayo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UCIMICIMI WOMBANE NOQOQOSHO LWELI LIZWE

1 UMphathiswa wamaShishini kaRhulumente uPravin Gordan wazise iKhabhinethi ngengxaki yokuqhawuka nokucima kombane kwakutsha nje okuchaphazele uqoqosho kweli lizwe jikelele. Oku kuphazamiseka kube nempembelelo embi kakhulu kumakhaya aseMzantsi Afrika noqoqosho. Ubonelelo lwezamandla lwaseMzantsi Afrika luhleli **lubaluleke ngokukodwa**, kwaye le meko yakwa-Eskom ibeka eli lizwe emngciphekweni omkhulu. Le ngxaki yakwa-Eskom ingaphazamisa uzinzo lwezezimali noqoqosho lweli lizwe. Ukohlulwa ngobuchule kuka-Eskom abe ngamacandelo amathathu awohlukeneyo kuyafuneka kuzinzo lwethuba elide lweli ziko lobonelelo-mbane. La macandelo kuthethwa ngawo ngamaShishini kaRhulumente apheleleyo angala – elokuphehlwa kombane; elokuthunyelwa kombane kwizikhululo; nelokunikezelwa kombane eluntwini nakwilizwe liphela

2 Ukuhlangabezana nale meko yakutsha nje, uMongameli uRamaphosa uchonge ikomiti ekhethekileyo yeKhabhinethi emalunga no-Eskom ekhokelwa nguSekela Mongameli neyenziwa ngaba baPhathiswa: owamaShishini kaRhulumente; owezaMandla; owezeMali; owezoThutho; owezoKhuseleko lweLizwe nowezobuPolisa. Le komiti iza kusebenza ngemiba ka-Eskom mihla le ize inikezele ingxelo yemihla ngemihla kuMongameli welizwe malunga namanyathelo adinga ukuthatyathwa ukuqinisekisa ukuba akukho zingxaki zokucinywa kombane. Eli qela kulindeleke ukuba lidibane nabo bonke abadlalindima ababalulekileyo ukunceda ukubuyisela uzinzo kweli ziko lobonelelo mbane. Likwalindeleke ukuba liqulunqe umkhombandlela ngeli xesha liqinisekisa ukuba kukho iindleko ezincinci zoqoqosho kubathengi nakubahlawuli berhafu.

3. Amazwe kwihlabathi jikelele ajongene nomngeni wokunyuka kakhulu kwamaxabiso kwakunye noqoqosho oluphantsi. Kuqikelelwa ukuba izinga lokukhula koqoqosho loMzantsi Afrika lizakwehla ngenxa yengxaki yombane, ukukhula kwamaxabiso kwakunye nobuthathaka kuqoqosho lwehlabathi. Kwiminyaka emibini edlulileyo, uqoqosho lukhule ngendlela encomekayo, ngenxa yokuphucuka kwamaxabiso ezimbiwa kwakunye nokuqokeleleka kakuhle kwerhafu, kodwa oku kuya ekupheleni. Amakhaya amaninzi aphantsi koxinzelelo ngenxa yokonyuka kwamaxabiso. Kangangokuba, **uqokelelo lwerhafu luza kushokoxeka,** lo nto ifuna urhulumente aqaphele indlela achitha ngayo imali, lo gama amanyathelo okuphuhlisa uqoqosho afumana umfutho.

4. Kwintetho yakhe yobume beSizwe uMongameli uthe kwiKhabhinethi: “Urhulumente uza kuhlangabezana nazo ezi ngxaki ngokuthi aseke imithetho ezinzileyo aze athabathe namanyathelo wokulwa umngeni kuqoqosho lweli. Uhlahlo lwabiwo-mali luka 2023, lunciphisa intsilelo iyokufika kumanqanaba asezantsi ukuze kukhuseleke imali yoluntu. La manyathelo, ajolise ekukukhuseleni ingozi kwinkqubo yezemali, ze zikhusele imali eyongiweyo ze zinyuse ithemba kubatyali mali. Ngo 2021 uqoqosho lukhule nge 4.9 yepesenti. Bekulindeleke ukuba uqoqosho luka 2022 lunyuke ukuya ku 2.5 yepesenti ukusuka ku 1.9 yepesenti xa bekubhengezwa uhlahlo lwabiwo-mali lwaphakathi enyakeni. Uqikelelo lokukhula koqoqosho ngo 2023 lwehliswe nge 0.9 yepesenti xa kuthelekiswa ngoqikelelo lolwabiwo-mali lwaphakathi ku 2022 ebeluyi 1.4 yepesenti”.

5. Kulindeleke ukuba uqoqosho lukhule nge 1.8 yepesenti ngo-2025. La mazinga wokukhula koqoqosho aphantsi kakhulu ukuba angadala amathuba emisebenzi nokuphelisa ubuhlwempu. Ngenxa yoko, urhulumente uzimisele ukukhulisa uqoqosho ngokugxila kwiintsika ezintathu. Okokuqala, kukuqinisekisa ukuba kukho imigaqo ecacileyo yokuzinzisa ezoqoqosho, okwesibini kukuzisa iinguqu kumasebe oqoqosho aquka umbane nezothutho, ze okwesithathu kuxhaswe iinzame zokwakha phakathi karhulumente ukuze kubekho uphuhliso ebantwini.

6. Nanjengoko isizwe sijongene nengxaki kacimicimi wombane, uMongameli weli uCyril Ramaphosa uyavuma ukuba akukho sisombululo sikhawulezileyo salo cim-icimi wombane nangona ugxininiso luqhubekeka ukuphelisa le ntlekele uluntu lujongene nayo. UMongameli uRamaphosa ebebhala kwincwadi yakhe ephuma rhoqo ngeveki, esitsho esithi kwiiveki ezimbini ezidlulileyo bezikhathaza kakhulu izikhalazo zabantu, kwaye ukukhathazeka kwabantu okanye ukuqumba kukawonke-wonke bakuthathela ingqalelo ngokupheleleyo. Eqhuba ngelithi amashishini amakhulu namancinci, alahlekelwa yimali kwaye ingxaki yezamandla ilubeka emngciphekweni ngakumbi uqoqosho lwethu.
URamaphosa uvumile ukuba lo cimicimi uye usiba <u>mandundu</u> kwaye kuyabonakala ukuba akukho siphelo kule ngxaki. Utsho esithi urhulumente unika ingqwalasela enkulu kwizakhono ezinokuphuhlisa ulutsha nezobunkokheli, ukuqinisekisa ukuba iNkampani inabo nabantu ababalaseleyo kuwo onke amanqanaba.

7. Siyazi ukuba xa sinengxaki yokunqongophala kombane, amashishini awazikukhula, imizi-mveliso ayizikusebenza, izilimo azizunkcenkceshelwa futhi neenkonzo ezisisiseko ziza kuphazamiseka. Ucimi-cimi wombane uthetha ukuba amakhaya kunye neevenkile azizukwazi ukugcina ukutya kungaboli, amanzi aza kumana evalwa, iirobhothi azizukusebenza futhi izibane zezitalato nazo azizukukhanyisa ebusuku. Xa lungekho uzinzo kwicandelo lezombane, aza kuphanza amalinge ethu okwakha uqoqosho oluza kuxhanyulwa nguye wonke ubani, uqoqosho oluza kudala imisebenzi luze luphungule nendlala. Njengoko sisandlala isicwangciso sethu sokusebenza salo umiyo, eyona into ingxamisekileyo kukuphungula umonakalo owenziwa yile ngxaki kacimi-cimi wombane kwezi nyanga zizayo size siyiphelise tu le ngxaki kacimi-cimi wombane.

8. Ngoku asizikuninika zicwangciso zitsha, futhi singazikuninika inkqubo egcweleyo karhulumente. Endaweni yoko siza kugxininisa kwimiba engabalalisiyo abemi boMzantsi Afrika eyile - ucimi-cimi wombane, intswelo-misebenzi, indlala kunye namazinga akhulayo eendleko zokuthenga izinto zokuziphilisa, ulwaphulo-mthetho kwakunye norhwaphilizo. Akululanga ukusombulula ezi ngxaki. Kodwa sinawo amandla, indlela kunye nobuchule bokuzisombulula. Ukuba sibambisene size sisebenze ngokuzithemba nangokuzimisela, singashiyi namnye ngasemva, singakwazi ukuzisombulula zonke ezi ngxaki sijongene nazo.

[Icatshulwe kwi-intanethi ngoncedo lukagoogle.search yaze yaguqulwa yahlelwa ngokutsha]

Jonga kumhlathi 1

1.1 Sesiphi isikhundla soburhulumente esonganyelwe nguPravin Gordhan eMzantsi Afrika? (1)

1.2 Xela ingxaki echaphazela uqoqosho lwelizwe loMzantsi Afrika jikelele. (2)

1.3 Lizisa ntsingiselo ni ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi?
Ubonelelo lwezamandla lwaseMzantsi Afrika luhleli **lubaluleke ngokukodwa**. (2)

1.4 Khankanya amacandelo abe mathathu ekunokwahlulwa ngawo u-Eskom ukuze kubekho uzinzo kumashishini karhulumente. (3)

Jonga kumhlathi wesi-2

1.5 Ikomiti ekhethekileyo yekhabhinethi isekwe ngaziphi iinjongo kwaye iza kusebenza njani? (3)

1.6 Chonga amagama amaBINI azizibizo ezimbaxa kulo mhlathi, ze ubhale indlela esakhiwe ngayo isibizo ngasinye. (4)

Jonga kumhlathi wesi-3

1.7 Nika iingxaki zibe ntathu uMzantsi Afrika onothi ujongane nazo ngenxa yeengxaki zombane. (3)

1.8 Ithetha ukuthini le nkcaza ebhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:
…“**uqokelelo lwerhafu luza kushokoxeka**” (2)

1.9 Khetha eyona njongo ichanekileyo yokusetyenziswa kwesi sivakalisi:
‘Urhulumente aqaphele indlela achitha ngayo imali, logama amanyathelo okuphuhlisa uqoqosho afumana umfutho’.

A Kukuthundeza urhulumente
B Kukuhlekisa ngorhulumente
C Kukulumkisa urhulumente
D Kukuphoxisa ngorhulumente (1)

Jonga kumhlathi wesi-4

1.10 Thelekisa uqoqosho lweli lizwe lomnyaka wama-2021 nowama 2022. (2)

1.11 Ngokwentetho kaMongameli yobume besizwe urhulumente angahlangabezana njani neengxaki zoqoqosho lweli lizwe? (2)

Jonga kumhlathi wesi-5

1.12 Chonga ingxaki yelizwe equlethwe ngulo mhlathi nesisombululo sayo. (2)

1.13 Ucinga ukuba lo mhlathi unako ukutshintsha ingqondo yolutsha ngendima omaluyidlale kwiingxaki zocimicimi wombane kweli lizwe?
Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi wesi-6

1.14 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba ucimicimi wombane uyingxaki yesizwe eya ikhula ngokukhula engasombululekiyo. (2)

1.15 Chaza indlela esisetyenziswe ngayo isifanekisozwi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo:

UMongameli uRamaphosa ebebhala kwincwadi yakhe ephuma rhogo ngeveki. (2)

1.16 Cacisa intsingiselo yegama 'mandundu' ngokomxholo walo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-7

1.17 Ngokolwazi olufumene kulo mhlathi wesi-7 sebenzisa awakho amazwi uchaze ngokuzeleyo indima edlalwa ngurhulumente ekuphuhliseni ubomi boluntu. (2)

1.18 Ucinga ukuba lo mhlathi unako ukutshintsha ingqondo yolutsha ngendima omaluyidlale kwiingxaki zikacimicimi wombane? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.19 Xa unokuba nguMphathiswa weZamandla ungenza ntoni ekupheliseni lo cimicimi wombane eMzantsi Afrika? (2)

Jonga kumhlathi 8

1.20 Khankanya imiba ibe MIBINI engabalalisiyo abemi boMzantsi Afrika (2)

1.21 Chaza ukuba senze msebenzi mni isakhi esibhalwe ngqindilili kwisenzi ‘uku**zi**sombulula’ kwesi sivakalisi silandelayo.
Singakwazi uku**zi**sombulula zonke ezi ngxaki sijongene nazo. (2)

Jonga kwitekisi yonke

1.22 Nika owona mxholo uphambili uqulethwe kwesi sicatshulwa? (3)

1.23 Ucinga ukuba esi sicatshulwa sinakho ukuyitshintsha ingqondo yoluntu ngendima edlalwa ngurhulumente kwingxaki kacimicimi wombane? Xhasa impendulo yakho (2)
[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B

ISISHWANKATHELO

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele ngamazwi akho malunga nendlela yokuziqhelanisa nodanya cimi wombane. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma.

Landela le miyalelo xa ushwankathela.

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma 75–80 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

ISICATSHULWA B

UCIMICIMI WOMBANE YINXALENYE YOBOMI EMZANTSI AFRIKA

1. Ucimicimi wombane uthande ukuba yinxalenye yobomi bemihla ngemihla kweli lizwe lethu. Ukuhlala uzilungiselele ngalo lonke ixesha kunganciphisa iziphumo ezibi zalo cimicimi kuwe wena siqu, kwikhaya lakho nakwindawo ophangela kuyo.
2. Ukucutha ukusetyenziswa kombane kunganceda ekunciphiseni lo danya cimi wombane. Kuxhomekeke ekubeni le ngxaki yokucinywa kombane iya ikhula kangakananina kuba kuyabonakala ukuba Ichaphazela izinto ezininzi ezifana nokusetyenziswa kwamafutha elizwe ngenxa yokuba ijenerators zisebenzisa idizil ngokukhawuleza kwaye ziyayitshisa iphele msinya. Ukuhanjiswa kwamanzi kuba ukumpontshwa kwamanzi kuxhomekeke kumbane, kwanokugutyulwa kwelindle kuxhomekeke embaneni kuba izixhobo zogutyulo lindle zezombane.
3. Sisonke kule ngxaki ngoko ke masenze ngako konke esinakho ukwenza le meko ibe yenyamezelekayo neyamkelekayo kuluntu luphela. Wonke umntu unenxaxheba amakayidlale ukwenza umahluko. Masizilungiselele kulo cimicimi wombane songe umbane kangangoko sinakho senzele uluntu loMzantsi Afrika.
4. Nazi ke ingcebiso zokuhlala silungiselele ucimicimi wombane. Wazi amaxesha alungiselelwe ukumka kombane kwingingqi yakho ukuze ucwangcise kakuhle izinto onokuzenza. Lixesha lokuba uthenge izibane ezitshajwayo uze uzigcine zitshajiwe ngalo lonke ixesha ukulungiselela ukukhanya kwasendlwini. Gcina ezinye izinto zokukhanyisa ezifana netotshi, amakhandlela kunye nematshisi kufutshane nawe. Ukuba ungumntu osebenzisa l'laptop' neselula nazo mazihlale zitshajiwe okanye uthenge isigcini mbane okanye 'ipower bank' ngelasemzini.
5. Hlala unayo imali esesandleni uyigcine kwindawo ekhuselekileyo. Oomatshini bokukhupha imali ababizwa i-*'ATM's* kunye nabo bokubhatala basenokungasebenzi ngexesha lokumka kombane.
6. Yiba nesicwangciso sendlela yakho yokupheka ujonge kwisicwangciso sokucima kombane kwingingqi yakho, uze uqinisekise ukuba iibhetri ze-alarm, CCTV nekhamera yomzi wakho ziyasebenza. Ukuzikhusela koonqevu abajonge amathuba okuqhekezea izindlu ngexesha lobumnyama. Khumbula ukusoloko uhleli ukhuselekile ngalo lonke ixesha lokucinywa kombane ingakumbi xa usebenzisa amakhandlela nezinye izinto zokulayita.

[Sicatshulwe kwi-intanethi saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

"Xa izibane zicimile, nawe unganakho ukonwabela ubusuku obu'saucy'

kwa Nandos

ngeNKUKU YEPERI-PERI



kwaNandos sihlala sikhanyisile!

[Sithathwe ku: *www.googleimages.com/saze sahlelwa]*

3.1 Ngowuphi umzimveliso wale ntengiso? Xhasa impendulo yakho (2)

3.2 La mazwi athi 'eish kom nou' abhekisa kweliphi icandelo lezoshishino? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.3 Loluphi udidi lwabantu ekujoliswe kubo ngale ntengiso? (1)

3.4 Khetha eyona impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:
Isakhi u, 'nga' kwibinzana 'nawe unganakho' sinika intsingiselo yesenzo ...

A esesenzekile.
B esingenakwenzeka.
C esinokwenzeka.
D ebesenzekile. (1)

3.5 Ingaba ulwimi olukhapha le ntengiso luyithengisa ngokuthimbayo le mveliso? Xhasa impendulo yakho.
"Xa izibane zicimile, nawe unganakho ukonwabela ubusuku obu'saucy' (2)

3.6 Chaza igalelo eliziswa ngumfanekiso webhotile ye 'sauce' enekhandlela kule ntengiso. (2)

3.7 Yintoni enokwenza ukuba abafundi besi sibhengezo ntengiso bathandabuze okanye babonise ukungayithembi le ntengiso? (2)

3.8 Ngokwalapha kwesi sibhengezontengiso yintoni eyenza ukuba eli shishini lohluke kunamanye amashishini aqhotsa inkuku? Nika zibe MBINI (2)
[15]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

ISICATSHULWA D

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Isakhelo 1	*Isakhelo 2*	*Isakhelo 3*
 uDaki uyafowna aphendulwe	 uDaki uthetha kwiselula	

4.1 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonakalisa ukuba uDaki kwisakhelo 1 ukhathazekile? (2)

4.2 Jonga kwisakhelo 2 no 3. Chaza uvakelelo oludizwa ludaba lwamalungu omzimba alo mntu. Xhasa impendulo yakho (2)

4.3 Xela isixhobo sibe SINYE segumbi lokupheka esifumaneka kule khathuni. (1)

4.4 Jonga kwisakhelo 1 uthetha ukuthini xa esithi umbane uwile? (1)

4.5 Chaza umahluko ngokwendawo phakathi kwezakhelo zontathu. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Umzimba wenja kwisakhelo 3 uyibonakalisa njani inkxaso yayo kuluvo olwenziwa nguDaki? (1)

4.7 Jonga kwisakhelo 3. Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
Isikhuzo u'WOW!' sibonisa …

A Ukukhathazeka.
B Ukuvuya.
C Ukuphelelwa lithemba.
D Ukunqwena. (1)

4.8 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba isisombululo esiye sanikwa uDaki sibe sesilungileyo okanye esimncedayo kule ngxaki anayo? Xhasa impendulo yakho. (1)

4.9 Cebo lini eli kubhekiswa kulo ngulo mntu ukwisakhelo 3? (2)

4.10 Myalezo mni ogqithiswa ngumzobi wale khathuni? (2)
[15]

UMBUZO 5

ISICATSHULWA E: IPROZI

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kutheni kungasayi kuze kuphinde kubekho omnye umdlali wombhoxo onguSiya Kolisi?

1. Ngemizuzwana nje engamashumi amathathu emva kokuba amaBhokobhoko ephumelele umdlalo wabo neNew Zealand ngoMgqibelo umhla wama 28 kweyeDwarha 2023, kanye phambi kokuba aye kubamba iNdebe yeHlabathi abayiphumeleleyo kwiqonga lebala laseStade de France ingoma kaSiya Kolisi ibivakala nangaphezulu kwaloo **ntswahla** ibisenziwa ngabadlali emva kokuphumelela kwabo umdlalo neNew Zealand. Oonondaba nabo bayivile loo ngoma isitsho ngexesha besiya kwigumbi lengqungquthela yeendaba. 5

2. Ngalo lonke ixesha kudlalwa imidlalo nokuba yeyaluphi na uhlobo uKolisi <u>usoloko</u> enayo indlela yokudibanisa imihlambi eyalanayo kwakunye nabo bawuthandayo umbhoxo. Kule Ndebe yeHlabathi yesibini ekhokele njengokhapteni, ushiyeke yedwa kwelo bala esankonye lo mbizana incinane yegolide. USiya Kolisi ukwanayo nendlela yokuzisa uchulumanco nolonwabo kulo mdlalo siwuthandayo thina balandeli bombhoxo. Kule minyaka ingama-36 idlalwa le tumente, uSiya nguye yedwa ukhaptheni wesibini wamaBhokobhoko ukuphakamisa le Ndebe yeHlabathi yegolide izihlandlo ezibini nanjengoko uMzantsi Afrika sele uyiphumelela isihlandlo sesine ngale mini. 10 15

3. USiya waziwa ngokuthanda ukucula kakhulu ingakumbi xa elungiselela ukudlala. Ucule kuyo yonke lo ndlela yetumente ekhwaza umhobe wesizwe eqethule intloko ngemva amehlo ejonge phezulu kuMdali wakhe, etsale lo mixhadi ebonisa ukuwuthanda umhobe wesizwe sakhe u "Nkosi Sikelel' iAfrika". Uqala ukuwucula lo mhobe wesizwe esaphuma kwitonela eliya emabaleni okudlala. Ngamanye amaxesha ungamva ecula igwijo u "Shosholoza," exhuma xhuma ngapha nangapha ngenxa yemivuyo nemincili. 20 25

4. Kuzo zonke iinzame zakhe uKolisi usoloko enabo ubuchule bokuzisa ucwangco nolonwabo xa kukho ukungaqondani phakathi kwabadlali noosompempe okanye naphakathi kwabadlali neziphathamandla zabo naxa kukho into engahambi kakuhle phakathi ebaleni. Ngokwenene unaso isiphiwo sobunkokheli nesokuwazi lo mdlalo wombhoxo. 30

5. Ethetha neentatheli umqeqeshi ongumncedisi kwiSpringboks uMzwandile Stick uthe, “Kumfana ofana noSiya Kolisi, osuka kwindawo ehlelelekile iZwide ngokuqinisekileyo andinamathandabuzo ukuba kwiminyaka engama-20 ezayo siya kube sesinooSiya Kolisi abaninzi kuba ngokumbona kwam ungoyena mdlali ungumzekelo kulutsha olusakhulayo. Siyazidla ngempumelelo kaSiya Kolisi”, USiya yena uthe njengomntwana omnyama okhulele kwiilokishi zabamnyama eZwide akazange ayiphuphe nokuyiphupha into yokuba ngukhaphteni weqela lesizwe. Siyanibulela ‘Mabhokobhoko’ ngokuzisa umanyano kwiisizwe sethu. Umanyano ngamandla! 35

[Sicatshulwe ku - *https://www.rugbydump.com/news/siya-kolisi saze sahlelwa*]

5.1 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwixesha elizayo

Ingoma kaSiya Kolisi ibivakala nangaphezulu kwaloo ntswahla ibisenziwa ngabadlali. (2)

5.2 Chaza ukuba igama elikrwelelwe umgca kutheni lingenalo iceba

Ibivakala nangaphezulu kwaloo ntswahla. (2)

5.3 Nika isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wokuqala (1)

5.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa sisenzi ‘esankonye’ esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Ushiyeke yedwa kwelo bala **‘esankonye’** lo mbizana (2)

5.5 Bhala isibizo ‘oonondaba’ sibe kwisinye. (1)

5.6 Khupha izimelabizo zibe ZIBINI ezifumaneka kumhlathi wesi-2 uze uchaze nodidi lwazo. (4)

5.7 Sisafobe sini esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi kwaye sinika ntsingiselo ni?

UKolisi unayo indlela yokudibanisa **imihlambi eyalanayo.** (3)

5.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Lisesiphi isigaba sentetho igama elikrwelelwe umgca kumhlathi wesi-2?

A Siyintsizasenzi
B Sisikhankanyi
C Sisilabalabi
D Sisibanjalo (2)

5.9 Khetha amagama azizifanokuthi abemaBINI kwisivakalisi esingezantsi.

USiya ukwanayo nendlela yokuzisa uchulumanco nolonwabo kulo mdlalo siwuthandayo thina. (2)

5.10 Lenze msebenzi mni igama ‘kakhulu’ kwisivakalisi esingezantsi

USiya waziwa ngokuthanda ukucula kakhulu. (2)

5.11 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

USiya waziwa **ngokuthanda** ukucula kakhulu. (2)

5.12 Khetha isibizo esimbaxa kwesi sivakalisi wandule ubonise indlela esakheke ngaso:

Unabo ubuchule bokuzisa ucwangco xa kukho ukungaqondani phakathi kwabadlali neziphathamandla. (3)

5.13 Nika imo evumayo yesenzi ‘ukungaqondani’ kwisivakalisi esiku 5.12. (2)

5.14 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha eladlulayo:

Ingoma kaSiya Kolisi ibivakala nangaphezulu kwaloo ntswahla ibisenziwa. (2)

5.15 Lungisa iziphene zobhalo kwisivakalisi esingezantsi.

ngokwenene unaso isipiwo sobunkokeli nesokuwazi lomdlalo womboxo. (4)

5.16 Khetha izimnini zibe ziBINI kumhlathi wesi-4. (2)

5.17 Bhala le ntetho ingezantsi kaSiya Kolisi ibe kwintetho ngqo.

USiya yena uthe njengomntwana omnyama okhulele kwiilokishi zabamnyama eZwide eGqeberha akazange ayiphuphe nokuyiphupha into yokuba angangukhaphteni weqela lesizwe lebhola yombhoxo. (2)

5.18 Hlahlela isivakalisi esingezantsi ukhuphe igatya eliyintloko nelayamileyo.

Ushiyeke yedwa kwelo bala esankonye lo mbizana incinane yegolide.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

Igatya eliyintloko	**Igatya elayamileyo**

(2)
[40]

UMBUZO 6: IPROZI

ISICATSHULWA F

1. *Balugcwabevu* ngumsindo abahlali bamatyotyombe kwingingqi yaseNever Never ePhillipi njengoko beshiyeke bengenandawo yokufihla iintloko emva komlilo ***otshabalalise*** amatyotyombe abo ngenjikalanga yangoLwesithathu. Batyhola inkqubo kacimi-cimi wombane ngesiganeko esitshabalalise amatytotyombe alikhulu namashumi amathathu, kwasala abantu abangamakhulu amathathu anamashumi amathathu anesithathu bengenandawo yokufihla iintloko. Ukanti intlungu yaba bahlali ayiphelelanga apho, abanye babo bebenamatyotyombe abanokuwahlangula, amazinki wamatyotyombe abo ebiwe ngabanye abahlali.

2. Ngentseni yangoLwesine, abantu bebekhangela phakathi **kweentsalela zenkukuma yokutsha** ukuba abanokufumana nto isindileyo kulo mlilo. Abanye baqalisile ukwakha ngokutsha amakhaya abo, nangona umlilo ubungekacimi ngokupheleleyo. UNkosazana Nomawethu Sawutana olilungu lekomiti kulo mmandla, ubalise ngento ayibone isenzeka.” Bekungekudalanga emva kokuba kubuye umbane othathe iiyure ezimbini zonke ungekho njengoko ubuye ngezithuba zentsimbi yesine emalanga, ubone ilifu lomsi omnyama osuka kumatyotyombe aseNever Never”.

3. Ngentseni yangoLwesine, abantu bebekhangela phakathi **kweentsalela zenkukuma yokutsha** ukuba abanokufumana nto isindileyo kulo mlilo. Abanye baqalisile ukwakha ngokutsha amakhaya abo, nangona umlilo ubungekacimi ngokupheleleyo. UNkosazana Nomawethu Sawutana olilungu lekomiti kulo mmandla, ubalise ngento ayibone isenzeka.” Bekungekudalanga emva kokuba kubuye umbane othathe iiyure ezimbini zonke ungekho njengoko ubuye ngezithuba zentsimbi yesine emalanga, ubone ilifu lomsi omnyama osuka kumatyotyombe aseNever Never”.

4. *Balugcwabevu* ngumsindo abahlali bamatyotyombe kwingingqi yaseNever Never ePhillipi njengoko beshiyeke bengenandawo yokufihla iintloko emva komlilo ***otshabalalise*** amatyotyombe abo ngenjikalanga yangoLwesithathu. Batyhola inkqubo kacimi-cimi wombane ngesiganeko esitshabalalise amatytotyombe alikhulu namashumi amathathu, kwasala abantu abangamakhulu amathathu anamashumi amathathu anesithathu bengenandawo yokufihla iintloko. Ukanti intlungu yaba bahlali ayiphelelanga apho, abanye babo bebenamatyotyombe abanokuwahlangula, amazinki wamatyotyombe abo ebiwe ngabanye abahlali.

5. Ngentseni yangoLwesine, abantu bebekhangela phakathi **kweentsalela zenkukuma yokutsha** ukuba abanokufumana nto isindileyo kulo mlilo. Abanye baqalisile ukwakha ngokutsha amakhaya abo, nangona umlilo ubungekacimi ngokupheleleyo. UNkosazana Nomawethu Sawutana olilungu lekomiti kulo mmandla, ubalise ngento ayibone isenzeka." Bekungekudalanga emva kokuba kubuye umbane othathe iiyure ezimbini zonke ungekho njengoko ubuye ngezithuba zentsimbi yesine emalanga, ubone ilifu lomsi omnyama osuka kumatyotyombe aseNever Never".

6. Ngentseni yangoLwesine, abantu bebekhangela phakathi **kweentsalela zenkukuma yokutsha** ukuba abanokufumana nto isindileyo kulo mlilo. Abanye baqalisile ukwakha ngokutsha amakhaya abo, nangona umlilo ubungekacimi ngokupheleleyo. UNkosazana Nomawethu Sawutana olilungu lekomiti kulo mmandla, ubalise ngento ayibone isenzeka." Bekungekudalanga emva kokuba kubuye umbane othathe iiyure ezimbini zonke ungekho njengoko ubuye ngezithuba zentsimbi yesine emalanga, ubone ilifu lomsi omnyama osuka kumatyotyombe aseNever Never".

7. Kuthe kungekudala ubuyile umbane, kwaqalisa umlilo kwelinye lamatyotyombe," utshilo uNomawethu. Kukhangeleka ngathi undonakele ubangelwe ngumbane obunengxaki obangele umlilo kwelinye lalamatyotyombe. Lo mlilo unwenwe ngokukhawuleza uchaphazela yonke indawo yaseNever Never. "Siza kubulawa ngulo cimi-cimi wombane. Silahlekelwe zizinto ezininzi okwangoku kwaye asinamali yokuzithenga zonke izinto ezitshatyalaliswe ngumlilo," utshilo uSawutana exelela iqonga leendaba iScrolla.Africa. Omnye wabahlali utyhola ngelithi lo mlilo ubangelwe ngumntu oshiye isitovu sakhe singacinywanga. "Abantu bangathi yinkqubo yokucinywa kombane, kodwa ngamanye amaxesha kufuneka **sithathe uxanduva** ngezenzo zethu." "Kutheni lo wasetyhini eshiye isitovu sakhe sivuliwe ngethuba sishumayela imihla nezolo ngokubaluleka kokukhutshwa kwezixhobo zombane embaneni ngexesha lokucinywa kombane?"

8. USawutana uthe lo wasetyhini kunye neqabane lakhe bakwazile ukungena ngaphakathi kwityotyombe labo elitshayo bakhupha umtshini wokuhlamba iimpahla kunye nomabonakude. Kodwa bathe xa bebuyela kwikhaya labo ngenjongo zokukhupha ezinye impahla zabo, abantu abebebukele bebesele bezibile izixhobo zabo zombane. "Ndinomsindo yiyo yonke lento," utshilo uSawutana.

[Sicatshulwe ku: *https://iindaba.scrolla.africa/2023/02/10/*]

6.1 Lungisa ezi zivakalisi zilandelayo ngokusebenzisa ngokuchanekileyo igama elikwizibiyeli.

(a) Umhlali (khathazeka) ngokutsha kwendlu yakhe.

(b) Ibe (indaba + umlomo) into yokutsha kwamatyotyombe aseNever Never ePhillipi. (4)

6.2 Guqula isenzi esibhalwe ngqindilili bukekela kumhlathi wokuqala sibe sisibizo wandule uchaze ihlelo lesibizo eso. (2)

6.3 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo:

Balugcwabevu ngumsindo abahlali bamatyotyombe kwingingqi yaseNever Never ePhillipi. (2)

6.4 Sebenzisa izihlanganisi ezikwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zontathu zilandelayo zibe sisivakalisi esinye.

Abantu abangama-333 bashiyeke bengenandawo yokufihla iintloko. Intlungu yaba bahlali ayiphelelanga apho. Amazinki wamatyotyombe abo ebiwe ngabanye abahlali.(kuba, ukanti) (3)

6.5 Bhala isifinyezi segama u'Nkosazana' (2)

6.6 Chaza ukuba zisetyenziswe njani izibizo ezibhalwe bukekela kwisivakalisi esingezantsi:

Amazinki wamatyotyombe abo ebiwe ngabanye *abahlali.* (2)

6.7 Xela umsebenzi wegama elikwizibiyeli kwesi sivakalisi silandelayo:

Abanye baqalisile ukwakha ngokutsha amakhaya abo (nangona) umlilo ubungekacimi ngokupheleleyo. (2)

6.8 Bhala igama elinye endaweni yebinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:

Abantu bebekhangela phakathi **kweentsalela zenkukuma yokutsha** ukuba abanokufumana nto isindileyo kulo mlilo. (1)

6.9 Fakela izimaphambili ezohlukeneyo zibeNTATHU kwisiqu u-shumayela wandule uzisebenzise kwizivakalisi ukuphuhlisa intsingiselo. (6)

6.10 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Silahlekelwe zizinto ezininzi okwangoku kwaye asinamali yokuzithenga zonke izinto ezitshatyalaliswe ngumlilo.

Igama ‘ezininzi’ kwisivakalisi esingentla lisetyenziswe njenge …

A Sibaluli
B Simnini
C Sibanjalo
D Siphawuli (1)

6.11 Chaza umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo
Lo mlilo ubangelwe ngumntu oshiye isitovu sakhe singacinywanga. (2)

6.12 Bhala isimelabizo endaweni yesibizo esifumaneka kwesi sivakalisi silandelayo wandule uxele udidi lwesimelabizo:
Lo mlilo ubangelwe ngumntu oshiye isitovu sakhe singacinywanga. (2)

6.13 Sisakhi sini esibhalwe ngqindilili kwisenzi ‘si**nga**cinywanga’. (2)

6.14 Nika isichasi sesenzi ‘singacinywanga’ elifumaneka kumhlathi wesi-3 (1)

6.15 Tolika intsingiselo evezwa libinzana elibhalwe bukekela ngokwesi sicatshulwa

Ngamanye amaxesha kufuneka ***sithathe uxanduva*** ngezenzo zethu. (2)

6.16 Xela imo yesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.
Bakwazile ukungena ngaphakathi kwityotyombe labo elitshayo. (2)

6.17 Chonga isenzi esikwimo yesixando uze uxele udidi lweso sixando kwesi sivakalisi.

Sishumayela imihla nezolo ngokubaluleka kokukhutshwa kwezixhobo zombane embaneni ngexesha lokucinywa kombane? (2)

6.18 Guqula isivakalisi esingezantsi sibe kwingxelo ntetho.

“Ndinomsindo yiyo yonke lento,” utshilo uSawutana (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO: D 80
AMANQAKU EWONKE: 180